**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesithathu)**

**FEB / MAR 2006**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**AMANQAKU: 120**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B, C.
- Kwicandelo A khetha isihloko sibe sinye ubhale ngaso isincoko.
- Kwicandelo B kunemibuzo emithathu, khetha sibe sinye isihloko kumbuzo ngamnye.
- Kanti kwicandelo C uza kukhetha umbuzo ube mnye kwemine ebuziweyo.

---


ICANDELO A


**UMBUZO 1**

**IZINCOKO**

Khetha ubhale isincoko sibe siNye ngenye yezi ngongoma zilandelayo. Ubude mabube ngamaphepha amabini – 450 yamagama.

1.1 Kulo mfanekiso ulandelayo sibona ezona zixhobo zisetyenziswa kakhulu ngabo babona ubomi bungasemnandi kubo. "Mandizibulale", la ngamazwi afika ezingqondweni zabaninzi bakujamelana neengxaki. Nawe kha usityebisele xa ubungomnye wabo. Bhala isincoko-ntelekelelo usinike nesihloko. (40)





1.2 Umntu lilahle elinothuthu. (40)

1.3 Abona bantu bafanelwe kukuqeshwa ngobuninzi ngamapolisa. (40)

1.4 Kwaba ngasa sangcwaba, kanti icandelo lezeMpilo lenzani? Nanku ubhubhani-baphela abantu. Naba ngale ndyikityha uyikhunjuzwa ngulo mfanekiso ulandelayo. (40)



1.5 Madoda konakele, lithini icebo? Xa uqwalasela la madoda ahlwileyo ebusweni ungabalisa uthini ngesi sihloko. Iikhompyutha zinentsholongwane eyonakalise umsebenzi wala madoda. Bhala isincoko-nkcazo ngale ngxaki. Ungalibali ukunika isihloko.



**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

**ILETA:**

Khetha ubhale ileta ibe Nye kwezi zilandelayo. Mayibhalwe iphelele kwiphepha elinye; (idilesi isibuliso, isiqu nesiphelo).

2.1 Bhalela umzala wakho okumazwe aphesheya umbalisele ngenkqubela phambili kwindawo ohlala kuyo. (20)

**OKANYE**

2.2 Bhalela inqununu yesikolo ofuna ukuya kufunda kuso kunyaka ozayo, ufune indawo yokufunda nokuhlala njengoko isikolo eso sinecandelo labahlala khona. (20)

**OKANYE**

2.3 Ubu-odole iimpahla kumzi-mveliso, benze impazamo bathumela izinto obungazifunanga. Babhalele ukhalaze, incwadi yakho yithumele kumphathi ubonise ukungxameleka kwalo mcimbi. (20)

**[20]**

**UMBUZO 3**

**IMIHLATHI EBHALWAYO:**

Khetha ubhale ngomhlathi omNye kule ilandelayo. Ubude mabube liphepha elinye kuphela.

3.1 Bhala isigxeko-sincomo ngevenkile yefenitshala othenga kuyo/ivenkile yokutyela obe uyindwendwele. (20)

**OKANYE**

3.2 Njengomsebenzi ongumqhubi webhasi kwinkampani yakwa PUTCO, zininzi izinto eninganelisekanga zizo ningabaqhubi ezinye zazo zezi; ukungahlawulwa ngokusebenza ixesha elongeziweyo, ukungabonelelwa ngokwakhelwa izindlu. Thumelani uxwebhu lwezikhalazo kwabasemagunyeni. (20)

**OKANYE**

3.3 Bhala imizuzu yentlanganiso etshisa ibunzi ngenxa yokungaqondakali kwendlela iimali zesikolo zichithwa ngayo. Kuchaphazeleka abambalwa kulo mkhwa. (20)
**[20]**

**UMBUZO 4**

**IMIHLATHANA:**

Bhala ngomhlathi omNye kule ilandelayo. Ubude mabube liphepha elinye kuphela.

4.1 Uphumelele ibanga leshumi, ufune umsebenzi kwenye yeenkampani eziphambili. Bakucebise ukuba, isicelo sakho sakuqwalaselwa xa uthe wathumela i-CV yakho. Yibhale ke siyibone, uze ukwazi ukuyithumela. (10)

**OKANYE**

4.2 Yenzela umzali wakho icwecwe lomhla wakhe wokuzalwa. (10)

**OKANYE**

4.3 Yenza isibhengezo-ntengiso seyunifomu yakho ongasayisebenzisiyo. Yichaze imeko yayo utsho ungalali yiminxeba yabathengi. (10)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [50]**

ICANDELO C

Khetha umbuzo ube MNYE kweli candelo:

**UMBUZO 5**

***Apha Naphaya* – D.M. Jongilanga**

Funda izicatshulwa ezilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

> "Yinile! Unyoko ukucebisa okokuba uze kundixelela ngobufazi bam emzini?" "Hi wethu! <u>Ndikruqukile ngamatshamba akho.</u> Akukho nokulala ngenxeba kuba undiguqula lingekanqumi negazi kulo."
> "Uze kundifundela incwadi nokuba uze kwenda apha?"
> "Mama, makhe ndikuxelele isiponono – ukuba uzimisele ukundahlula neyam indoda uyakumila amaphiko abuye axhwitheke okwenjwize ebusika. Nawe wahlulwa kukufa neyakho." "Akulazi ibala likanyoko?"

5.1 5.1.1 Xela amagama aba bantu babini baxambulisana apha. (2)

5.1.2 Bazalana njani aba bantu? (2)

5.1.3 Ngokwesi sicatshulwa, kukuthini ukulala ngenxeba? (2)

5.1.4 Ngubani le ndoda kuthiwa ayinakwahlulwa nomfazi wayo? (1)

5.1.5 Ngaba yaphunyezwa iminqweno yale nkosikazi? Xhasa impendulo yakho ngokungqiyama kwiziganeko zeli balana. (3)

5.1.6 Sithatyathwe kweliphi ibalana esi sicatshulwa? (1)

5.1.7 Zeziphi izikhalazo zikamama lo ngomolokazana wakhe? Chaza zibe ZITHATHU. (3)

5.1.8 Chaza intsingiselo yegama elinomgca ngaphantsi. (2)

**ISICATSHULWA B**

> "Uvela phi? Kunini ngoku? Lixesha lokuphangela eli? Uva ukuhlokoma kwezi tikana ndikuhlawula zona, ucinge ukuba sewunemali? Vilandini Ie ndoda,. . ."
> "Nantsi, Nantsi, andiyiyo loo mbo ithiwa nqo ngempumlo, kwaye andiqhele kuphathwa ngumfazi mna."
> "Yinile! Uyindoda wena? Aphelile amadoda? Inani na le nkandluma."
> "Ungaze ubuphinde uthuke kum, nokuba uqhele ukuthuka amadoda akhwele ibhayisekile."
> "O! Uphum' ibala ngoku kukutya kwam, ufunda ukukhonya?"
> "Ucinga ukuba yimali le undihlawula yona? Aph' imali yam yonke, kungenjalo ndakuyenza ncinci le venkile."

5.1.9 Yivenkile kabani le kuqhutyelwa kuyo le ngxwaba-ngxwaba? (1)

5.1.10 Nika amagama abantu ababini abaxambulisanayo apha. (2)

5.1.11 Ngokwesi sicatshulwa, amadoda aqhele ukukhwela ibhayisekile ngamadoda anjani? (2)

5.1.12 Lo mntu uthukwayo apha wayesebenza misebenzi mini kule venkile? Nika ibe MITHATHU. (3)

5.1.13 Ethukwa kangaka nje wone ntoni? (1)

5.1.14 Sesiphi isifundo esihle esidla ngokusifumana kumabali kaJongilanga? (1)

5.1.15 Ngqiyama ngesi sifundo sihle usambulele isiphelo sale ndoda ithukwa apha. (4)
**[30]**

**OKANYE**

5.2 Hlalutya ibalana elithi **Uvimba kaBhelezabhubhe** phantsi kwezi ngongoma:

5.2.1 Isimo sentlalo. (10)

5.2.2 Ukubunjwa kwabalinganiswa (uNontlantsi) (10)

5.2.3 Isisombululo. (10)
**[30]**

## UMBUZO 6

***Sasinoncwadi Kwatanci* – S. C. Satyo Nabanye**

6.1 6.1.1 Chaza izizathu zibe ZINE ezikhokelela ekubeni uncwadi lwemveli luphumpeke lakubhalwa. (4)

6.1.2 Yintoni intsomi? (3)

6.1.3 Yiza neempawu zibeNE zeentsomi phantsi kwesimbo sokubalisa. (4)

6.1.4 Abaluleke ngantoni amaqhina? Chaza izizathu zibe ZINE. (4)

6.1.5 Zeziphi izifundo esizifumana kwezi ntsomi zilandelayo?

a. Intsomi engedama lezilwanyana. (2)
b. Intsomi engodyakalashe nengonyama. (2)
c. Intsomi engentombazana nesigebenga. (2)

6.1.6 Sombulula la maqhina alandelayo :

a. Ndinabantu bam bayashiyana.
b. Ndinamfo wam ufa abuye avuke.
c. Ndinanto yam ifa ithwele umnqwazi.
d. Ndinanto yam igunqguza emfuleni. lx4=(4)

6.1.7 Yakha izaci zesiXhosa kula magama angezantsi:

a. Imfene.
b. Ingonyama.
c. Ikati.
d. Inkawu.
e. Inkukhu. lx5=(5)

**[30]**

### OKANYE

6.2 6.2.1 Yiza nemvelaphi yeqhalo elithi: "Akukho sibonda siguga namaxolo aso". (8)

6.2.2 Kwincwadi yakho yeentsomi, ncothula intsomi ibe nye uze ubonise ukuthi ngenene "Iziyatha zidla ngokuba lilifa lezilumko." (12)

6.2.3 Galelo lini elenziwe ngooNyawontle kunye namaXhosa amandulo ukuze uncwadi lwethu IweMveli lude lube luyabhalwa? (10)

**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE: 120**

**ISIPHELO**